basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

2018

AMANQAKU: 100

IXESHA: Iiyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha *Tyhila iphepha*

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(50)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(30)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	Imizuzu engama-80
ICANDELO B:	Imizuzu engama-40
ICANDELO C:	Imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Eyona ndibano yathetha lukhulu ebomini bam **[50]**

1.2 Ubuhle **[50]**

1.3 Mhla ndawongwa ngembasa **[50]**

1.4 Emva konyaka … **[50]**

1.5 Ukulunga nokungalungi kwemfundo eqhutyelwa ekhaya **[50]**

1.6 Ipalamente yolutsha ingasisombululo kwiingxaki ezikhoyo eMzantsi Afrika **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ubeMNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isincoko sakho isihloko.

1.7.1

[Uthatyathwe ku: www.google pics.co.za, waze wahlelwa] **[50]**

1.7.2



[Uthatyathwe ku: www.fliker.com/photos waze wahlelwa] **[50]**

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

UMBUZO 2

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabubengamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 ILETA ESESIKWENI

Ungusihlalo wombutho wokuzonwabisa oququzelela umnyhadala womboniso weetalente kwingingqi yakho.

Bhalela umanejala wakwaSpar ucele inkxaso-mali yokuncedisa kulo mnyhadala. **[30]**

2.2 IOBHITSHUWARI

Bhala iobhitshuwari yomdlali weqonga kumdlalo kamabonakude owuthandayo. **[30]**

2.3 INQAKU LEMAGAZINI

Bhala inqaku lemagazini i*'Move'* wenze isilumkiso malunga nokuxhatshazwa kwabantu kumaqonga onxibelelwano. **[30]**

2.4 INTETHO

Bhala intetho oza kuyenza kwitheko lokuphela konyaka esikolweni sakho. **[30]**

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

UMBUZO 3

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **IFLAYA**

Umntakwenu unikezela ngeenkonzo zokuncedisa abafundi kwizifundo zebanga le-12 ngemalana engephi.

Bhala iflaya yokwazisa ngezi nkonzo. **[20]**

3.2 **IPOSIKHADI**

Sele kuziintsuku ezine useHollywood eMelika, bhalela umhlobo wakho iposikhadi umbalisele ngokuqhubekayo eHollywood. **[20]**

3.3 **IZALATHISI**

Bhala isalathisi walathise umntu ohamba ngeenyawo osuka e*Belfast Recreation Centre* oya e*Real Journeys Visitor Centre*.



[Ithathwe ku: googlemaps.com yaze yahlelwa] **[20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100